



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2016

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P2
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali – 12

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – K.S. BONGELA**

- 1.1 1.1.1 Esinaleni/Esikolweni/EBlythswood /KwaBly ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 1.1.2 Babekhe badlana indlebe. ✓ (1)
- 1.1.3 (a) (iv) uYolisa. ✓
 (b) (i) uMpumelelo. ✓
 (c) (iii) uNozililo. ✓ (3)
- 1.1.4 Ubonakalisa ukuba uMpumelelo usuka phi, evela kwikhaya elinjani ✓✓
 /lingcambu zikaMpumelelo ziveza indlela eza kuthathwa bubomi bakhe
 /Uzalwa ngabazali abanenkqubela ebomini/Uzalelwe ezilalini. ✓✓
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.1.5 Liveza ukuba uMpumelelo wayenempawu zempumelelo ezifana nqwa
 nezikatata wakhe owayenenkqubela ebomini. ✓✓ (2)
- 1.1.6 Kunjalo, kuba impixano ephakathi komzi kaLungile noNozililo
 yayisukela kwinto yokuba uNozililo engazange afumane le venkile
 yafunyanwa nguLungile. ✓✓ (2)
- 1.1.7 B- ukubonisa ingcinga ecala nye ✓ (1)
- 1.1.8 Bobabini babesuka eLusikisiki ✓✓/ Bobabini banengcinga zenkqubela
 ebomini ✓✓/uthando lomnye komnye/batshatile. ✓✓
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.1.9 Liwuphuhlisa ngokuba uthe waphumelela ebomini/ngokuba udibene
 namagingxigingxi ebomini kodwa waphumelela. ✓✓ (2)
- 1.1.10 Ukukweleka kukaNomakhwezi kubangele ingozi yokusweleka kwakhe
 nomyeni wakhe ✓✓/ukumamela uNozililo kuye kwabangela
 ukusweleka kwakhe ✓✓
[Nayiphi na kwezi] (2)

[18]**OKANYE**

ISICATSHULWA B

- 1.2 1.2.1 Waphumelela waba nguGqirha. ✓ (1)
- 1.2.2 Babesuka eLusuthu ✓/eBotswana✓/eSwazini. ✓
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.2.3 Hayi, kuba inkxaso ayifumene kuYolisa, uThamsanqa noThembisa yamenza waphumelela ebomini ✓✓ (2)
- 1.2.4 NguThembisa Sanqela ✓ (1)
- 1.2.5 Wayebalasele kunyango lwengulo ngengqondo. ✓ (1)
- 1.2.6 Kwakuchaza ukuba wayeyincutshe kaGqirha ✓✓/ WayenguGqirha odumileyo ✓✓
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.2.7 Ulutsha/ Amakhwenkwe neentombi. ✓ (1)
- 1.2.8 Lalilungile kuba ukuba wayelibele yinto yokuziphindezela wayezakubuyela emva ebomini bakhe ✓✓

OKANYE

- Lalungalunganga kuba iintshaba zakho kufuneka uzifake engxakini ukuze kungabikho lula ukuba zibuye zimhlasele. ✓✓ (2)
- 1.2.9 Ubomi obunamahla ndinyuka bukhokhelela empumelelweni/Ukuze uphumelele ebomini kufuneka uqale usokole. ✓✓ (2)
- 1.2.10 Wafuna ukuphucula ilali zakulotata wakhe ✓✓/Inokuba iinkumbulo zezinto ezathi zamehlela eThekwini zaziza kumbuyela ✓✓/Intshaba zakhe ezazisekhona zaziza kuvuseleleka. ✓✓
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.2.11 Indlela zokukhulisa abantwana ✓/Ukunciphisa iintsapho ✓/waseka ikwayala yecawa ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)

[17]**AMANQAKU ECANDELO A: 35****OKANYE**

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UMQOL'UPHANDLE – P.M. NGANI**

- 2.1 2.1.1 Bafunyenwe befile kwimoto ebutyobo. ✓ (1)
- 2.1.2 NguLulama Zuma ✓, no Eddie Maga. ✓ (2)
- 2.1.3 UEddie Maga wayephangela eMoonglow ✓ (1)
- 2.1.4 IRio Cinema- yayindawo yomboniso bhanya-bhanya ✓
IMoonglow- Yayindawo yokonwabisa abantu ebusuku/kuselwa utywala/kwakuthengiswa iziyobisi ✓ (2)
- 2.1.5 Imoto yayenzakele kakhulu isisonka ngangendlela eyayibotyoke ngayo. ✓✓ (2)
- 2.1.6 Kusivezela ukuba iza kuba yindawo apho uphando luza kugxininisa khona✓✓/ Iza kunika umkhomba ndlela wamanyathelo ophando. ✓✓
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 2.1.7 Yabonakalisa ukuba lukho unyawo lwemfene kwindlela ingozi yemoto ethe yenzeka ngayo ✓✓/ Inokuba nguEddie oyena mntu wayefunwa ngamandla ✓✓/kwaqalwa kwadutyulwa uEddie phambi kokuba kwenzake ingozi yemoto ✓✓/Yabonakalisa ukuba loluphi uhlobo lompu olwasetyenziswayo, into ezakunceda ekuphandeni. ✓✓
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 2.1.8 Lo mboniso wawungesihelegu esehlela uhlanga lwamaXhosa✓✓ / Ingozi yokusweleka kuka Eddie noLulama yayifana nesihelegu kumzi waseZiphunzana. ✓✓ (2)
- 2.1.9 ULinda Monti wabangumranelwa wokuqala obandakanywa nokusweleka kukaEddie noLulamaZuma. ✓✓ (2)
- 2.1.10 Izinto ezininzi eziza kuba luncedo kuphando lwababulali uzifakile kwesi sicutshulwa. ✓✓ (2)

[18]**ISICATSHULWA B**

- 2.2 2.2.1 B. Eziphunzana. ✓ (1)
- 2.2.2 Wayesisithandwa sikaEddie✓/WayenguNobuhle waseMonti✓/Wayenxiba kakuhle✓/Wayesebenzisana kakuhle nabantu✓/Wayenesimilo✓
[Naziphi eziMbini kwezi] (2)
- 2.2.3 NguDuma Hlelo✓/nguKhumalo✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 2.2.4 Babekwenza oku ngokuqonda ukuba liya ekutshoneni ilanga kulowo babemthanda ✓ (1)

- 2.2.5 Kukubonisa uvelwano lwezizihlobo zakhe kuye ✓✓/Ziveza indlela ezazimthanda ngayo ✓✓/Indlela ezazimxhasa ngayo ✓✓/Zazizama ukubonakalisa ukuba uLinda umsulwa ✓✓/Zazizama ukumkhupha kwesi sihelegu ayanyaniswa naso ✓✓

[Nayiphi na kwezi]

(2)

- 2.2.6 (a) Impixano yangaphakathi ✓

(1)

- (b) Ingqondo yakhe yayibethabethana ✓/Kwakuvela obunye ubungqina ✓/ Wayephanda nzulu ngetyala lokubulawa kukaEddie noLulama ✓

[Nayiphi na kwezi]

(2)

- 2.2.7 Wancedwa kukufumana itape recorder ✓

(1)

- 2.2.8 Elichule kuba indlela aphanda ngayo ibonakalisa ubuchule, umonde, ukungangxami kunye nokucingisisa ✓✓

OKANYE

Uliqhitala, kuba wabamba umpu engasebenzisanga isixhobo sokufihla imizila yeminwe ✓✓/ Ukusoloko eselana newhisky xa ebhidwe ngumcimbi okanye eqwebisa isibindi ✓✓/Ukungakwazi ukufunda ingqondo zabalinganiswa nanjengoko weyesenza kuDuma Hlelo ✓✓ Ukungathathi inkcukacha zikaNkosikazi Hobe ✓✓ Ukutyhola uLinda engenabungqina buphathekayo ✓✓.

(2)

[Nezinye iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile]

- 2.2.9 Ndiyavelana naye kuba ayikho mnandi into yokutyholwa ngento ongayenzanga kuthiwe ubulele isithandwa sakho ✓✓/ Ngokuthobeka kwesidima sakhe. ✓✓

OKANYE

Andivelani naye kuba izinto ezibuhlungu zehla nakubanina nangoluphi uhlobo. ✓✓

(2)

- 2.2.10 Ukujiya kwezinto ✓ / ukuyondelelana kwezinto.

(1)

- 2.2.11 Wafunyanwa engenatyala ✓ /Wafunyanwa emsulwa ✓/ Waphuma etshaya ✓

[Nayiphi na kwezi]

(1)

[17]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

OKANYE

ICANDELO B**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDIYEKENI: D.M. JONGILANGA****ISICATSHULWA A**

- 3.1 3.1.1 EMdantsane. ✓ (1)
- 3.1.2 ULoni wayeyinqununu✓, uMaziko elisekela lakhe✓/Isandla sakhe✓. (2)
- 3.1.3 Zazisebenzisana kakuhle✓/Zazivana✓/Zazincedisana kakuhle✓/
Zazihloniphana✓
- [Nayiphi na kwezi]** (1)
- 3.1.4 Dlamini ubuxhwane kuwe bendele okweengcambu zomdiliya ude
ungayiboni nengozi esemnyango ✓ (1)
- 3.1.5 UMaziko wayebangelwa kukuba wayezama ukuqalisa ingxabano
phakathi kwabo✓✓/Wayefuna uMawonga axabane noNdila ukuze
azokufumana ithuba lokufumana isikhundla sakhe sobunqununu✓✓/
Wayefuna ukungabonwa ukuba uyinyoka abonakale engumntu oxhasa
uMawonga✓✓
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- 3.1.6 Umveza njengomntu oyimpimpi✓✓/Njengomntu ongumphixanisi✓✓
llokonya✓✓/ Umxabanisi✓✓/Inyoka✓✓
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- 3.1.7 Apha encwadini uNdila uphele egwetyelwa intambo ngenxa
yokubandakanyeka kwiyelenqe lokuthatha inxaxheba kwintshabalalo
kaLoni✓✓/uFuneka noZanele nabo izinto ezimbi abazenze apha
encwadini zibuyele kubo✓✓/ UNdila uphelelwa ngumsebenzi ngenxa
yokungawuxabisi umsebenzi✓✓/ Ukusela emsebenzini✓✓.
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- 3.1.8 Kwakulungile,kuba engumntwana ethobele ukuthunywa ngumntu
omdala nokwangutitshala wakhe. ✓✓/Wayengayiqondi into yokuba
akuvumelekanga ukuba kuselwe utywala esikolweni kuba
engumntwana. ✓✓

OKANYE

Kwakungalunganga kuba wayefanele ukuqonda ukuba utywala
abuvumelekanga emasangweni esikolo nakubanina. ✓✓/Umntu
omdala nokuba ngutitshala akavumelekanga ukuba athume umntwana
utywala ngakumbi esikolweni✓✓/Umntwana omncinci ongaphantsi
kweminyaka elishumi elinesibhozo, umthetho awuvumi ukuba angene
athenge utywala kwindawo zotywala. ✓✓/ Umntwana wayenophela
ebusela naye utywala✓✓

[Nayiphina impendulo echanekileyo] (2)

- 3.1.9 Umntwana uye aqale ukusela esemncinci. ✓✓/Umntwana uye abe linxila xa emdala ✓✓/Umntwana uye azibandakanye kwizenzo ezimbi ezimosha ubomi bakhe ✓✓/ Uye ayibone njengento elungileyo ingakumbi xa eyenziswa ngumntu omdala ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

- 3.1.10 Ibonisa ukuqala kwencwadi ✓ (1)

- 3.1.11 UNdila sele ebhityile/eluswazi ngenxa yotywala ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

[18]

ISICATSHULWA B

- 3.2 3.2.1 Babehlala eMdantsane kwaN.U.3 ✓ (1)

- 3.2.2 Bobabini babengabongikazi. ✓ (1)

- 3.2.3 Babehlobene ngezinto ezingalunganga. ✓✓/ Babehlobene ngokuphalaza nokutya iimali zamadoda ✓✓/ Babezincukuthu ezitya amagazi abantu ✓✓/ Babengenabantu ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

- 3.2.4 Umntu owayephambili nguNdila/ nguMawonga ✓

[Nayiphi na kwezi] (1)

- 3.2.5 (a) Impixano yangaphakathi (1)

- (b) Abonisa ukuzigxeka ngokuba izinto ezimehlelayo zibangelwe ngabanye abantu. ✓/Unobangela wengxaki ezithe zamehlela ubangwe ngabanye abantu. ✓

[Nayiphi na kwezi] (1)

- 3.2.6 Kule ncwadi kukho umkhuba ombi wokutyelwa kwamadoda imali. ✓✓ /Kukho ukusetyenziswa kotywala ngenjongo yokuzuza izinto ezingalunganga. ✓✓/Ukukrexeza okuchitha imizi yabantu. ✓✓ / Ukubonakalisa uthando olungelulo ✓✓/ Ukukhohlisana ✓✓

[Nezinye iimpendulo ezichanekileyo zivumelekile] (2)

- 3.2.7 Uphumelele kuba uZanele ubonakalise ububhetyebhetye. ✓✓/ Ukungabi namava ngobomi bokutyela amadoda imali. ✓✓/ Ukuba nothando. ✓✓/Ukulunga. ✓✓/Ukonelisa abahlobo ✓✓/ Ukusebenziseka lula ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

- 3.2.8 Khang abenalo iliso elibanzi ukuze akwazi ukubona injongo ezimbi zikaMaziko ✓✓/Ubonakalise umonde nokukwazi ukunyathela onke amanqanaba xa kusohlwaywa umntu emsebenzini ✓✓/ Ubonakalise ukuba wanomqolo ekuthatheni isigqibo ngenxa yendlela aziphethe ngayo uNdila emsebenzini. ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

- 3.2.9 Ndiyavelana, kuba uphele ephelwa ngumsebenzi nabubomi bakhe. ✓✓/Ndiyavelana naye kuba uphele ephatha usapho lwakhe ngendlela engeyiyo ngenxa yokulahlekiswa yena engaqondi. ✓✓

OKANYE

Andivelani, kuba xa wayecetyiswa wasuka wathi makayekwe ✓✓
 Andivelani naye kuba ubonakalise ukungabi nangqondo
 ngokuzidibanisa nomntu ayaziyo ukuba akafanele kuba ngumhlobo
 kuye uNdila. ✓✓/Wavuma ukusela utywala wabonakalisa ukungabi
 namqolo. ✓✓

[Nayiphina impendulo echanekileyo]

(2)

- 3.2.10 Ndiyangqina, kuba uMawonga wenzelwe amayelenqe zezinye izifundiswa apha encwadini. ✓✓/UMawonga wenzelwe ububi nguMaziko. ✓✓/ UMawonga wenzelwe iyelenqe nguNdila. ✓✓/ UFuneka noZanele nabo bebhona kwiyelenqe lokutshabalalisa uMawonga. ✓✓

OKANYE

Ndiyachasa kuba ayingabo bonke abantu abafundileyo abenza amayelenqe/ Nabantu abangafundanga kuyaphi bayenzelana amayelenqe emsebenzini. ✓✓

[Nayiphina impendulo echanekileyo]

(2)

[17]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDAKUYICEL'IVUTHIWE – L.L. NGEWU noE. Z. GUQA****UMNTU AKAL AHLWA – E.Z. GUQA****ISICATSHULWA A**

- 4.1 4.1.1 Nondyebo. ✓ (1)
- 4.1.2 Kungokuba wazalwa ngexesha kukho yonke into esisivuno ininzi. ✓ (1)
- 4.1.3 NguKhuthala. ✓ (1)
- 4.1.4 UMaKhumalo ungumamazala kaMaNdlangisa. ✓✓ UMaNdlangisa ungumolokazana kaMaKhumalo ✓✓ (2)
- 4.1.5 Lithetha ukunqanda ithole lingancanci kunina ngexesha esengwa ✓ (1)
- 4.1.6 Yinto elungileyo, kuba uye afundiswe izinto ezibalulekileyo zobomi. ✓✓
Umntwana ufundiswa indlela eyiyo yokukhula. ✓✓/Umntwana ufumana isandla esihle ✓✓

OKANYE

Yinto engalunganga, kuba abantwana abakhuliswe ngoomakhulu bathanda ukuba ethe- ethe ngenxa yokutefiswa. ✓✓/Baphela bengenaluthando lwaneleyo kubazali babo bokwenene. ✓✓/
Kungekho nxibelelwano lonzulu phakathi kwabo nabazali bokwenyani ✓✓

[Nayiphina impendulo echanekileyo] (2)

- 4.1.7 Hayi kuba yaxokisa amadoda aseGqaqhala ngokunuka amaxhegokazi amabini aselalini malunga nokusweleka kwabafana kwingozi kaloliwe. ✓✓ (2)
- 4.1.8 Umbhali uzama ukubonakalisa ukuba inkolelo kwizinto zakwaNtu ayikho ngaphezulu kwenkolelo yobuKrestu. ✓✓/ Ingulo yomntu kumaxesha amaninzi yenziwa yingxaki esentloko hayi inkolo. ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

- 4.1.9 Wayegula ngokwasengqondweni ✓✓/Wayexokisa abantu ✓✓/
Uphalaza igazi labantu abamsulwa ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

- 4.1.10 Ndicinga ukuba wabuyela ecaweni kule ndawo wayekhulele kuyo ✓✓/
Waqhubeka nobugqirha bakhe kuba umntu ngelinye ixesha akantshintshi. ✓✓/Wahlala akenza nto akaya ecaweni, wayeka nobugqirha obo. ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

- 4.1.11 Umthathi uyawuzala umlotha ✓ (1)

[17]

ISICATSHULWA B**Ngumnt'Onjani lo: L.L . Ngewu**

- 4.2 4.2.1 Igama layo yayinguManduleli/ uMkhiwa. ✓ (1)
- 4.2.2 Wayenengxaki yamehlo waza wanxiba amacici. ✓ (1)
- 4.2.3 Yibhayibhile. ✓ (1)
- 4.2.4 Kuthiwa yayifundile kuba yayikhe yaya edyunivesithi yabuya iwongwe ngediploma. ✓✓ (2)
- 4.2.5 Umngcwabo wawungalawuleki. ✓/ Ibhokisi yayingakwazi ukuphuma endlwini. ✓ /Kwakukho ingxabano malunga nokukhululwa komzimba kwindawo yabangcwabi. ✓/Ingxabano phakathi kwabafazi bakamfi. ✓
- [Naziphi ezimbini kwezi]** (2)
- 4.2.6 UManduleli wayengenamkhondo ebomini. ✓✓/zange azicwangcise izinto zakhe kwangethuba ngexesha wayesaphila ✓✓/ Wayengumntu ongakhathalele nto eyenziwa ngabanye abantu engazibandakanyi nabantu ✓✓ (2)
- 4.2.7 Zazintandathu. ✓ / 6. ✓ (1)
- 4.2.8 Ewe isidima asisekho kuba abantu benza imingcwabo into engenaxabiso. ✓✓
- Okanye**
- Bubuxoki kuba eminye imingcwabo indilisekile kwaye ixabisekile. ✓✓
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- 4.2.9 KwaXhosa umntu oyindoda wayengcwatywa ebuhlanti ukuze ajonge kwaye akhusele ikhaya lakhe ✓✓ / kukukholelwa ukuba uza kujonga ikhaya nangona engasaphili ✓✓
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- 4.2.10 Ukuba umntu akanamkhondo ebomini nobomi bakhe kunye nomngcwabo wakhe uyakuba njalo ✓✓/ Ubomi bomntu bufana nezenzo zakhe emhlabeni ✓✓ Imoto ilandelwa luthuli lwayo.
- [Nayiphina impendulo echanekileyo]** (2)
- 4.2.11 Umhlambi ngabantu abazimase umngcwabo ✓✓/ Umhlambi ngulo wemfuyo eninzi emzini othile. ✓✓ (2)

[18]**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

ICANDELO D: ISIHOBE**VUKANI MADODA – A STEMELE****UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)****BAFANA BAFANA – XAYIMPI S**

- 5.1 5.1.1 Ithetha namaXhosa. ✓ (1)
- 5.1.2 Ndibhekisa nakuni. Mlisela nomthinjana. ✓ (1)
- 5.1.3 Kungokuba le ntaba iqulathe imbali yamaXhosa ✓/Inembali ngemvelaphi yenkosi zamaXhosa. ✓
- [Nayiphi na kwezi]** (1)
- 5.1.4 ETranskei ✓ (1)
- 5.1.5 NgoHoho. ✓ (1)
- 5.1.6 Akukho nkunzi zikhonza buhlantini bunye. ✓ (1)
- 5.1.7 Labona into engumangaliso engaqhelekanga. ✓/Lalama ✓ (1)
- 5.1.8 Afika alwa imfazwe neentlanga ezazilapha kule ntaba. ✓✓ (2)
- 5.1.9 Imbongi yonwabile kulo mbongo ✓/Ivakalisa ukuzingca ✓/Ukuzidla ✓/ Iyancoma ✓
- [Nayiphi na kwezi]** (1)
- 5.1.10 Imbongi ifuna ukwazisa nesizululwana ngembali yamaXhosa nokubaluleka kwale ntaba ✓ (1)
- 5.1.11 Lo mbongo unemvano siqalo ✓/ Izitanga zinemigca emine ✓/ Isitanga sesithoba (9) sinemiqolo elishumi elinanye(11) ✓/Isitanga seshumi neseshumi elinesihlanu sinemiqolo emihlanu kanti eseshumi elinanye sinemiqolo emithandathu ✓
- [Naziphi eziMbini kwezi]** (2)
- 5.1.12 Ubonakalisa amava okunxulumana nohlanga lwabelungu ngokukhupha into ukuze ufumane enye. ✓✓/Ukuthanda uhlanga lwakhe ngokuthi aluzamele indawo yokuhlala. ✓✓
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- 5.1.13 UQamata ligama elinikwa uThixo owayekhonzwa ngamaXhosa, kanti uMdali ligama elinikwa uThixo wamaKrestu. ✓✓ (2)

[17]

UMBUZO 5.2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UManyano: Qangule Z.S**

- 5.2 5.2.1 Ngumbongo onemiqolo elishumi elinesine ✓ / Ngumbongo onemihlathi emibini, umhlathi wokuqala unemiqolo esibhozo uze owesibini ube nemiqolo emithandathu. ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 5.2.2 Isebenzisa isivumelanisi somntu wokuqala u-ndi xa ithethayo ✓ (1)
- 5.2.3 KwisiNgesi/ KwisiLungu ✓ (1)
- 5.2.4 Ikhathazakile. ✓ / C (1)
- 5.2.5 Singabakhonzi. ✓ (1)
- 5.2.6 Imbongi ikhuthaza uluntu ukuba malusebenzele isizwe ngaloo nto luyiphiwe nguThixo ✓✓ (2)
- 5.2.7 Ndiyangqina, kuba imbongi ishumayeza abantu ukuba mabasenzele isizwe ngeziphwi abanazo ✓✓ / Yona ikhathazekile kuba yona ingekho into eyenzele ilizwe layo ✓✓
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 5.2.8 Kwimiqolo yokuqala esibhozo, imbongi ibhelisa kuyo, kanti kwemithandathu yokugqibela ibhekisa eluntwini ngokubanzi. ✓✓ (2)
- 5.2.9 Imfano- zandi, ✓ iqaqambisa inkqubela kunye noloyiso ngokwemisebenzi yabantu elizweni ✓ (2)
- 5.2.10 1. (b)
2. (c)
3. (a) (3)
- 5.2.11 Umntu ngumntu ngabantu ✓ Isandla sihlamba esinye ✓ / Intaka yakha ngoboya benye. ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 5.2.12 Sisikweko ✓ (1)
- [18]**

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70